



ALGERIA
ANGOLA

BENIN

BOTSWANA

BURKINA FASO

BURUNDI

CAMEROON

CAPE VERDE

CENTRAL AFRICAN REPUBLIC

CHAD

COMOROS

COTE D'IVOIRE

DEMOCRATIC REPUBLIC OF CONGO

DJIBOUTI

EGYPT

EQUATORIAL GUINEA

ERITREA

ETHIOPIA

GABON

GAMBIA



ZIMBABWE



ZAMBIA



SAHRAWI ARAB DEMOCRATIC REPUBLIC



UGANDA



TUNISIA



TOGO



TANZANIA



SWAZILAND



PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



GREAT PYRAMIDS OF EGYPT

25 MAY AFRICA "AFRICAN RENEWAL, ADVANCEMENT AND DEVELOPMENT" DAY

TIMBUKTU MANUSCRIPTS II -
MATHEMATICS, ASTRONOMY

TIMBUKTU MANUSCRIPTS III -
ASTRONOMY TABLES

GOLDEN RHINO FROM THE
KINGDOM OF MAPUNGBUWE
(SOUTH AFRICA)

AUSTRALAPITHECUS SEDIBA
(SOUTH AFRICA)



GHANA



GUINEA



GUINEA-BISSAU



KENYA



LESOTHO



LIBERIA



LIBYA



MADAGASCAR

UKUBHIYOZELA USUKU LWE-AFRIKA

- Usuku lwe-Afrika lubhiyozelwa rhoqo ngonyaka ngomhla wama-25 kuMeyi/ kwekaCanzibe.
- Intlango yeManyano yase-Afrika yasekwa ngomhla wama-25 kwekaCanzibe e-Addis Ababa, e-Ethiopia.
- Ukuphawula esi siganeko, uSuku lwe-Afrika luya kubhiyozelwa ilixa lama-48 kulo nyaka
- Intlango yeManyano yase-Afrika yaba sisandulela seManyano yase-Afrika eyathi yasungulwa eThekwini, eMzantsi Afrika ngomhla we-9 kweyeKhala/ Julayi 2002
- Kukho amazwe angama-54 e-Afrika ekukho kuwo amazwe angamalungu angama-53. IMorocco asililo ilungu leManyano yase-Afrika..
- IManyano ye-Afrika ihlanganise ilizwekazi i-Afrika ukuba lishukuxe imiceli mngeni yalo emininzi efanangqzulwano ngezikhali, ukutshintsha kwemozulu kunye nentlupheko.

UKUBALULEKA KOSUKU LWE-AFRIKA

- Usuku lwe-Afrika ngumbhiozo we-Afrika, abemi bayo nobunye bayo.
- Ngumbulelo kwinkqubela abantu base-Afrika abayenzileyo kunye nokubonakalisa imiceli mingeni efanayo ejongene nayo kwimo yehlabathi.

INDIMA YEMANYANO YE-AFRIKA KWILIZWEKAZI

- IManyano ye-Afrika lelona ziko liphezulu lokuxhasa ukudibana kwezintlo-noqoqosho kwilizwekazi kujoliswe kumanyano olungaphezulu nobunye phakathi kwamazwe nabantu base-Afrika.
- IManyano ye-Afrika isekwe kumbono ofanayo welizwekazi elimanyeneyo nelomeleleyo.
- Isekwasekwe kwimfuneko yokwakha ubuqabane phakathi koorhulumente nawo onke amacandelo oluntu, ingakumbi abasetyhini, ulutsha nezamashishini.
- Njengombutho welizwekazi igxininisa kuxolo, ukhuseleko nozinzo, kwaye isebindini wokwakhiwa ngokutsha kwilizwekazi.
- IManyano ye-Afrika ijolise ekukhuseleni amalungelo entando yesininzi, amalungelo oluntu kunye noqoqosho oluzinzileyo e-Afrika, ingakumbi ngokuphelisa unqzulwano kunye nokudala imarike efanayo nesebenza kakuhle.

UMBONO

Umbono weManyano ye-Afrika ngulo: “I-Afrika emanyeneyo, ehlumayo nenoxolo, eqhutywa ngabemi bayo kunye nemele amandla ashukumisa ihlabathi”.

IZENZO ZOMANYANO ZEMANYANO YE-AFRIKA

Abantu base-Afrika basungule izenzo zomanyano ngeManyano ye-Afrika ukuze :

- Bakhusele okusingqongileyo
- Balwe ubunqolobi bamazwe ngamazwe
- Balwe nobhubhane WENTSHOLONGWANE KAGAWULAYO/NOGAWULAYO, icesina kunye nesifo sephepha
- Basebenze ngemiba yenzondelelo yamalungelo oluntu efana nobunzima obufunyanwa ziimbacu nabantu abadinga indawo
- Baxhase uxolo, ukhuseleko kunye nozinzo, kunye nokuququzelela intsebenziswano nophuhliso lwe-Afrika
- Bomeleze ubunye kwilizwekazi liphela kunye nokwakha imimiselo efanayo phakathi kwabantu base-Afrika.

UMZANTSI AFRIKA KUNYE NOSUKU LWE-AFRIKA

- Isikhumbuzo soSuku lwe-Afrika siqaqambisa indima yegalelo loMzantsi Afrika kunye nenxaxheba kwi-ajenda yelizwekazi
- USuka lwe-Afrika lusuku lokubhiyozela ilifa lobu-Afrika bethu, kunye nokubonisa imbali nenkcubeko yelizwekazi kwezobugcisa
- Ivuselela uxanduva kuye wonke ubani ingakumbi kulutsha, ukuphucula umgangatho wobomi babantu abachats hazelwa kwi kuquka:
- Ezempilo, ukhuselo nokhuseleko
- Ukuvuselelwa kokuziphatha ngokusesikweni
- Ukuyondelelaniswa kwemo yezentlalo, inkcubeko nemfundo
- Ekukhumbuleni uSuku lwe-Afrika, sinethuba lokuvuselela ukuzinikela kwethu kuthi, kwilizwekazi le-Afrika kunye nelifa nolwazelelo lwethu esabelana ngalo.

INDIMA YEPALAMENTE YERIPHABLIKI YOMZANTSI AFRIKA

- IPalamente yeRiphabliki yoMzantsi Afrika ithatha inxaxheba kwimibutho eliqela yase-Afrika, kuquka iPan African Parliament (PAP) kunye neQumrhu loMzantsi Afrika loPhuhliso loLuntu.
- Ngokuhambelana nomgaqonkqubo weli lizwe ngokuphathelele kumazwe angaphandle, iPalamente yeRiphabliki yoMzantsi Afrika inika ingqwalasela ekhethekileyo kwi-Afrika kwinkqubo-sikhokelo yomgaqonkqubo wobudlelwane bamazwe ngamazwe. Oku kuquka ukuzibandakanya ngokuziqatsa kuwiso mithetho lwamazwe apho urhulumente woMzantsi Afrika athe wazibandakanya khona kwimigudu yokudala uxolo.
- Kulo nyaka iPalamente yeRiphabliki yoMzantsi Afrika iza kusindleka Ingxoxo nge-Afrika ngomhla wama-23 kwekaCanzibe eya kulandelwa yingxoxo ngomhla wama-25 kwekaCanzibe emxholo wayo uthi “Ukuvuselelwa, inkqubela phambili kunye nophuhliso lwe-Afrika” ngenjongo yokubhiyozela uSuku lwe-Afrika.

I-AFRICA KUNYE NEZIGANEKO ZOWE-2011

Iqumrhu lezoQoqosho lweHlabathi e-Afrika (World Economic Forum on Africa) ngowe-2011: eKapa, eMzantsi Afrika, 4 – 6 kwekaCanzibe 2011

Umxholo: “Ukusuka kuMbono ukuya kwiZenzo, iSahluko esiLandelayo se-Afrika”. IQumrhu lezoQoqosho leHlabathi ngumbutho wamazwe ngamazwe ozimeleyo ozinikele ekuphuculeni imeko yehlabathi ngokubandakanya ezoshishino, ezopolitiko, imfundo ephakamileyo kunye nezinye iinkokheli zoluntu ukulungisa i-ajenda yehlabathi, yengingqi kunye neyezorhwebo.

UMBONISO NENKONGOLO YEZEMPILU E-AFRIKA 9 – 11 KWEKACANZIBE 2011 (AFRICA HEALTH EXHIBITION AND CONGRESS)

UMboniso neNkongolo yezeMpilo e-Afrika iya kusungulwa kwekaCanzibe 2011 eJohannesburg Expo Centre, Nasrec, eMzantsi Afrika. Iya kwenza umboniso nenkongolo entsuku ntathu ibonisa imixholo eyahlukileyo enxulumene nezempilo e-Afrika, kwaye iya kutsala umdla wamawaka abasebenzi neengcali zezempilo ukusuka kwingingqi ukuya kwihlabathi jikelele.

UMNYHADALA WOSUKU OLUTSHA LWE-AFRIKA 27 – 29 KWEKACANZIBE

Ukubhiyozela uSuku oLutsha lwe-Afrika, ukusuka kumhla wama-27 – 29 kwekaCanzibe, eRhawutini baza konwabela impelaveki yomnyhadala obizwa ngokuba yiSanaa Afrika, uMoya wokuBhiyoza uya kwambathisa intliziyo yesingqi sase-Afrika kunye nomphefumlo odlamkileyo ngokusindleka ubugcisa, ulonwabo, umculo kunye nokunye kwilizwekazi.

EMINYE IMIHLA EBALULEKILEYO YE-AFRIKA

16 Juni/EyeSilimela uSuku lomntwana wase-Afrika

9 Julayi/EyeKhala uSuku lweManyano ye-Afrika

25 Septemba/EyoMsintsi uSuka lwabaseTyhini lwePan-Afrika



PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Produced by the
Public Education Office
Parliamentary Communication Services

Inspired by People

www.parliament.gov.za
P.O. Box 15, Cape Town 8000
Tel: (021) 403 2911
Fax: (021) 403 3303